Isifundo 3

**Julayi 11–17*

Ukubabona Abantu Ngamehlo KaYesu

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:
Marko 8:22–26; Yohane 4:3–34; Yohane 1:40, 41; Marko 12:28–34; Luka 23:39–43; IZenzo 8:26–38.

Indima Yenkumbulo:
"Athi ke kubo, Yizani apha nindilandele; ndonenza nibe ngababambisi babantu" (Mateyu 4:19).

UYesu uyintshatsheli ekuzuzeni imiphefumlo. Ngokubukela indlela uYesu awayesebenza ngayo nabantu, sifunda indlela yokukhokelela abanye ekwazini usindiso ngoYesu Kristu. Ngokuhamba naYe kwizitrato ezixineneyo zaseYerusalem, kwiindlela ezinothuli zakwaYuda, nakumacala entaba zaseGalili anoqaqaqa, sifumanisa indlela awayiveza ngayo imithetho-siseko Yobukumkani yokufuna imiphefumlo.UYesu wawabona onke amadoda nabafazi njengabanokuzuzeka kubukumkani baKhe. Wababona ngabanye ngeliso lemfesane yezulu. Wambona uPetros engenguye umlobi wabantu orhabaxa, onomlomo omkhulu kodwa engumshumayeli wegospile. Wababona uYakobi noYohane bengengabo oophuma-silwe, oorha-satsha kodwa bengabavakalisi bevangeli abanentshiseko lubabalo lwaKhe. Wabona ulangazelelo olunzulu lothando lwenene nokwamkeleka ezintliziyweni zikaMariya waseMagadala, kwintokazi yaseSamari, nentokazi eyayinethombe legazi. Wambona uTomas engenguye umgxeki othandabuzayo kodwa engonyanisekileyo emibuzweni yakhe. Nokuba yayingamaYuda okanye amaGrike, amadoda okanye abafazi, isela emnqamlezweni, umthetheli-khulu, okanye igeza elineedemon, uYesu wabona isakhono esinikwe nguThixo wabakhangela ngamehlo osindiso.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaJulayi 18.*

Inkcukumiso Yesibini

Mnye kuphela ummangaliso eBhayibhileni yonke apho uYesu wasebenza kumanyathelo amabini. Kukuphiliswa komntu owayeyimfama eBhetesayida. Eli bali linika isifundo saphakade kwibandla likaKristu namhlanje. Libonisa icebo likaThixo lokusebenzisa ikholwa ngalinye ukuzisa omnye umntu kuYesu. Sithi isiBhalo: "Uthi aze kufika eBhetesayida; bazise imfama kuye, bambongoze ukuba ayichukumise" (Marko 8:22). Amagama apha angundoqo ngu"bazise" no"bambongoze." Indoda eyimfama ayizizelanga ngokwayo. Abahlobo bayo basibona isidingo sayo bayizisa. Kusenokwenzeka ukuba yayingenalo kangako ukholo, kodwa bona babenalo. Babekholwa ukuba uYesu uya kuyiphilisa le ndoda kubumfama bayo.

Ikwisithuba sama-25 imimangaliso eveleleyo yokuphilisa eyenziwa nguYesu kwiTestamente eNtsha. Abantu abaninzi abasayi kuze beze kuYesu bengakhange baziswe ngumntu onokholo. Indawo yethu kukuba sibe "ngabazisi" size sizise abantu kuYesu. Igama lesibini elifanele ukuqwalaselwa kuMarko 8:22 ligama "bambongoze." Linokuthetha "ukucenga, ukubongoza, okanye ukukhunga." Libonisa uhlobo oluthambileyo, olunobubele, nolucengayo kunokuyalela okukhwazayo nokunengxolo. Abahlobo bale ndoda bathetha noYesu ngobubele, bekholelwa ukuba uYesu unalo ulangazelelo namandla okuyinceda le ndoda. Yona le ndoda isenokuba yayingenalo ukholo lokuba uYesu angayiphilisa, kodwa abahlobo bayo babenalo. Maxa wambi kufuneka sibathwalele kuYesu abanye ngamaphiko okholo lwethu.

Funda: Marko 8:22–26. Yintoni eyenza ukuba uYesu abe wayiphilisa le ndoda ngamanyathelo amabini? Zifundo zini elisiphathele zona eli bali namhlanje njengamangqina kaYesu?

Akungenzeki ukuba kuthi kanti nathi asibaboni kakuhle abantu? Angeke kuthi kanti sibabona njengemithi ehambayo" kwimo engamathinzi engacacanga endaweni yokuba babe ngabafanele ubukumkani bukaThixo? Ucinga ukuba yintoni eyenza ukuba maxa wambi singababoni ngokucacileyo abantu?

Ngaphandle kwesifundo esicacileyo esingendlela uThixo asisebenzisa ngayo ukufikelela ebantwini, yintoni enye esiyifundayo kweli bali? Lingasifundisa ntoni, umzekelo, ngendlela kokubini-okonyango lwamayeza nokwasemoyeni-okunokuba nendawo ekunyangeni nasekulungiseleleni kwabo balahlekileyo?

Isifundo Ngokwamkeleka

Ngokubenzela isibonelo sokuba kukuthini ukubona umntu ngamnye ngendlela entsha, uYesu wabafundisa abafundi baKhe indlela yokubabona abantu ngamehlo ezulu. Indlela awayebabona ngayo abantu yayigqibelele. Wababona, hayi ngohlobo ababelulo, kodwa njengoko babe nokuba njalo. Kuko konke ukuhlangana kwaKhe nabantu, wayebaphatha ngesidima nembeko. Wayekholisa ukumangalisa abafundi baKhe ngendlela abaphatha ngayo abantu. Oku kuyinyaniso ngokukodwa ekuthetheni kwaKhe nentokazi yaseSamariya. Le Bhayibhile iThe Archaeological Study Bible inembono enika umdla ngolwalamano phakathi kwamaYuda namaSamari. Ithi: "Umsantsa phakathi kwamaSamariya nabakwaYuda ususela kwixesha lakudala. Ngokwesahluko - 2 Kumkani 17, amaSamariya ayeyinzala yabantu baseMesopotami [phakathi kwemilambo] abanyanzeliswa ukuba bahlale kwimimandla ekumntla welakwaIsrayeli ngama-Asiriya ekuqalekeni kothimbo ngowama-722 B.C. bahlanganisa unqulo lukaYehova nonqulo lwezithixo."—The Archaeological Study Bible (Zondervan Publishing, 2005), p. 1727. Ukongeza kolu nqulo lwezithixo, amisela ububingeleli obuchasene nobakwaYuda kunye netempile ekwanjalo kwiNtaba iGerizim. Ngenxa yeyantlukwano engako ekwazini ngoThixo kwamaSamariya, abafundi banokuba badideka kakhulu xa uYesu ekhetha indlela edlula eSamariya ukuya eGalili. Bamangaliswa yinto yokuba uYesu angayingeni into yengxoxo engenkolo. Waya ngqo kulangazelelo lwentokazi yaseSamariya lokwamkeleka, ukuthandwa, nokuxolelwa.

Funda: Yohane 4:3–34. Wayiqala njani uYesu intokazi yaseSamariya? Yaphendula yathini intokazi kwincoko yayo noKristu? Basabela bathini bona abafundi kula mava, waza uYesu wawuvula njani umbono wabo?

_____

_____

_____

_____

Isifundo sikanaphakade uYesu awayefuna ukusifundisa abafundi baKhe nathi ngabanye silula, sesi: "Bonke abo banoMoya kaKristu baya kubabona bonke abantu ngamehlo ovelwano olungcwele."—Ellen G. White, *The Signs of the Times*, Juni 20, 1892.

Ngoobani abantu othi, ngokwempembelelo yenkcubeko okanye yasekuhlaleni kwenu, ubabone becekiseka okanye bedelekile? Kutheni le nto kufuneka uyiguqule le ngqondo, yaye inokubakho njani inguquko leyo?

_____

Qala Apho Ukhona

Omnye wathi, elungisa phofu, “Ebomini, indawo ekuphela kwayo ongaqala kuyo yile ukuyo.” UYesu wacinezela umthetho-siseko okwi-IZenzo 1:8, apho wathi, “Niya kwamkela ke amandla, akubon’ ukuba uMoya Oyingcwele uhlile phezu kwenu; nibe ngamangqina am eYerusalem nelaseSamariya, kude kuse nasekupheleni komhlaba” Isigidimi sikaYesu kubafundi baKhe sasicace kakhulu ukuba bangangasiqondi: Ngqina kule ndawo uThixo akutyale kuyo. Kunokuphupha ngamathuba angcono, qala kwaba bakungqongileyo. Bona ngeliso lezulu okunokwenzeka kufuphi kakhulu kuwe! Akudingi ukuba ube ungumntu ofunde kakhulu emhlabeni, oyena uliciko, oyena unezipho ezikhulu. Zinoncedo zinjalo ezinye zezo zipho xa ziye zasetyenziswa ngendlela eyiyo, ekugqibeleni into eyodwa oyidingayo luthando lwakho ngakuThixo nokuyithanda kwakho imiphefumlo. Ukuba unentumekelelo ukungqina, uThixo uya kuyivula indlela ukuba ukwenze oko.

Funda: Yohane 1:40, 41, Yohane 6:5–11, noYohane 12:20–26. Zikuxelela ntoni ezi ndawo ngako kokubini ukuba neliso kukaAndreya nendlela akungena ngayo ukungqina kwakhe?

Amava ka-Andreya athetha okukhulu kuthi. Waqala kusapho lwakubo. Waqala wathetha ngoYesu nomntakwabo uPetros. Waba nobuhlobo nentwana eselula eyathi yanika uYesu izixhobo zokwenza ummangaliso, kanti uAndreya wazi ukuba makenze ntoni ngamaGrike. Kunokuxoxa imfundo ngoThixo, wayiva eyona nto ayidingayo waza wawazisa kuYesu.

Ubuchule bokuzuza imiphefumlo ngempumelelo bubuchule bokwakha ulwalamano oluhle olukhathalayo. Cinga ngabantu abasondele kakhulu kuwe ekunokwenzeka ukuba abazi ngoYesu. Ingaba bakubona ungumntu onemfesane nokhathalayo ebomini bakho? Ingaba ubomi bakho busasaza okuhle ngegospile? Senzela uThixo abahlobo ngokuthetha ngoYesu. Baba ngabahlobo abangamaKristu, kuze kuthi ekugqibeleni, xa sithetha ngesigidimi sikaThixo senyaniso yexesha lokuphela, babenako ukuba ngamaKristu angamaSeventh-day Adventist, nabo.

Yintoni le nto kunzima kakhulu ngamanye amaxesha ukukhokelela amalungu eentsapho nezihlobo zethu kuKristu? Ingaba ukhe waphumelela ukuthetha ngoYesu kwamanye amalungu osapho lwakho okanye kwizihlobo ezisondeleyo? Eklasini thethani ngeminye yemithetho-siseko enokuthi iklasi iyifumane iluncedo.

Ukusebenza Nabantu abanzima

UYesu wayelichule elikhulu ukusebenzela abantu abanzima. Ngamazwi nangezenzo zaKhe, wakubonakalalisa ukwamkela. Wayephulaphula ngemvakalelo kwiingxaki zabo, esenza kubekho imibuzo, aze athi kancinane atyhile iinyaniso ezingcwele. Walubona ulangazelelo olungaphakathi kwiintliziyo ezilukhuni ekwasibona nesakhono nakwabona boni bakhohlakeleyo. KuYesu, akakho owayengaphandle kwemida yokufikelela kwegospile. Ngokuqinisekileyo uYesu wayekholelwa ukuba "akakho ohle wathi bhaxa phantsi kakhulu, nongcole kangako, kangangokuba angabinako ukuzuza ukuhlangulwa nguKristu." —Ellen G. White, Ulangazelelo Lwamaphakade, p. 258. UYesu wayebakhangela abantu ngamehlo awahlukileyo kunokuba thina sisenza. Wayebona kumntu ngamnye ukukhanya kozuko lweNdalo yemvelo. Wakuphakamisa ukucinga kwabo ukuba bayibone into abanokuba yiyo, baza abaninzi baphakama bafikelela koko akulindeleyo ebomini babo.

Funda: Mateyu 4:18, 19; Marko 12:28–34; noLuka 23:39–43. Yintoni oyifumana ifana apha kwisibheno sikaKrisu kuPetros noYohane, kumbhali obuzayo ongabizwanga ngegama, kunye nesela emnqamlezweni? Funda ngocoselelo indlela yokungena kukaYesu kumntu ngamnye kwaba. Yintoni egqame kakhulu kuwe?

Kuyo yonke indawo awayesiya kuyo uYesu, wabona okunokwenzeka ngokwasemoyeni; wabona amalungu afanele ubukumkani bukaThixo kwiimeko ezingavumiyo kwaphela. Esi sakhono sisibiza ngokuthi "amehlo okukhula kwebandla." Amehlo okukhula kwebandla akukukhuliswa kokuvakalelwa okufuna ukubabona abantu ngendlela uYesu awayebabona ngayo, abantu abanokuzuzelwa ubukumkani bukaThixo. Oku kukwabandakanya "iindlebe zokukhula kwebandla," into enokwenza nokuphulaphula izidingo ezingathethwanga zabo basingqongileyo. Inokwenza nokuphulaphula kwiintliziyo zabo ezinolangazelelo lwento abangenayo, nokuba oko abakuthethanga kwavakala.

Cela iNkosi ikwenze uvakalelwe kulungiselelo lukaMoya Oyingcwele ebomini babanye. Thandaza ukuba uThixo akunike inkcukumiso yesibini avule amehlo akho kumathuba asemoyeni awazisa phambi kwakho imihla yonke ukuba wabelane nabanye ngokholo lwakho. Cela uThixo ukuba ube neliso elibonayo, intliziyo ephulaphula ngemvakalelo, intumekelelo yokuthetha ngoKristu omaziyo nomthandayo kwabanye, uya kuthi, ke ngoko, ube usendleleni eya kuhambo olumyoli lobomi bakho. Ubomi buya kuba nentsingiselo entsha. Uya kuba nengqondo yokwaneliseka novuyo ngendlela ongazanga wayiyo ngaphambili. Kuphela ngabo bayisebenzelayo imiphefumlo abakwaziyo ukwaneliseka okuza nako.

Ukubona Amathuba Avulwe Lizulu

Incwadi yeIZenzo izele ngamabali endlela abafundi abasebenzisa ngayo amathuba avulwe lizulu ekuhambiseleni phambili ubukumkani bukaThixo. Ukusuka ekuqaleni kuse ekupheleni, sifunda ngeengxelo ezinika umdla zebandla lokuqala nendlela elakhula ngayo, nangona lalijongene nemingeni ngaphakathi nangaphandle. Kwabase-2 Korinte 2:12, 13, umzekelo, umpostile uPawulos uxela ngamava wakhe aseTrowa: "Ke kaloku, ndathi ndakufika eTrowa ngenxa yeendaba ezilungileyo zikaKristu, ndakuba ndiwuvulelwe nomnyango eNkosini, andibanga nakonwaba emoyeni wam, ngokungamfumani uThixo, umzalwana wam; ndesuka ndababulisa, ndanduluka ndaya eMakedoni." Ngendlela engummangaliso, uThixo wawuvula umnyango ukuba uPawulos ashumayele iindaba ezilungileyo kwizwekazi laseYurophu, waye esazi [uPawulos] ukuba iminyango ayivulayo uThixo namhlanje ingavalwa ngomso. Wathi ethabatha elo thuba ebona nokunokwenzeka, wakhawuleza ngomkhombe waya eMakedoni. UThixo weTestamente eNtsha unguThixo wocango oluvuliweyo—uThixo osibonelela ngamathuba okwabelana nabanye ngokholo lwethu. Kuyo yonke incwadi yeIZenzo, uThixo uyasebenza. Kukho iingcango ezivuliweyo ezixekweni, emaphondweni, emazweni, ngapha koko, ezintliziyweni zabantu ngabanye.

Funda: IZenzo 8:26–38. Zifundisa ntoni ezi ndima ngokuvuleka kukaFilipu kwinkokelo kaThixo nakwindlela awasabela ngayo kumathuba avulwe lizulu?

"Ingelosi yamkhokela uFilipu yamsa kumntu owayefuna ukukhanya nowayekulungele ukuzamkela iindaba ezilungileyo, nanamhla iingelosi ziyawakhokela amanyathelo abo basebenzi baya kuthi bamvumele uMoya Oyingcwele ukuba zingcwalise iilwimi zabo asulungekise azukise iintliziyo zabo. Ingelosi eyayithunywe kuFilipu yayinako ukuwenza ngokwayo umsebenzi kumTiyopiya, kodwa le asiyiyo indlela yokusebenza kukaThixo. Licebo laKhe ukuba abantu basebenzele abanye abantu."—Ellen G. White, *The IZenzo Zabapostile,* p. 109.

Ukuba sineendlebe zokuva namehlo okubona, nathi sinako ukukhokelwa zizithunywa ezingabonakaliyo ukuba sifikelele kwabo bafuna inyaniso siphethe iinyaniso zobukumkani.

Qaphela indlela ezazisembindini ngayo iziBhalo kweli bali. Qaphela kwakhona ukuba kule ndawo kwakubaluleke kumntu ozaziyo iziBhalo ukuba anabe kuzo. Zifundo zini esizifumanayo thina apha?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, "Ivangeli eSamariya," amaph. 103–111, IZenzo Zabapostile. Singqongwe ngabantu abafuna izinto zikanaphakade. Njengoko uYesu wakubeka ngokufanelekileyo, "Ukuvuna okunene kuninzi, kodwa bona abasebenzi bambalwa" (Mat. 9:37). Ingxaki yayingesiso isivuno. Ngamehlo athanjiswe lizulu, uYesu wabona isivuno esininzi lo gama abafundi babona ngokwahlukileyo. Saba yintoni isisombululo sikaKristu kule ngxaki? "Khungani ngoko eNkosini yokuvuna, ikhuphe abasebenzi, baye ekuvuneni kwayo" (Mat. 9:38). Isisombululo kukuthandaza ukuba uThixo athume wena ekuvuneni kwaKhe. Kungani ukuba ungathandazi lo mthandazo? "Nkosi, ndikulungele ukusetyenziselwa ukuhambisela phambili ubukumkani baKho. Vula amehlo wam ukuba ndiwabone amathuba okubonelela owavulayo phambi kwam imini nganye. Ndifundise ukuthetha amazwi ethemba nenkuthazo ndithethe ngothando lwaKho nenyaniso yaKho kwabo ndihlangana nabo imini nganye." Ukuba ungathandaza lo mthandazo, uThixo uya kwenza izinto ezingaqhelekanga ngobomi bakho.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Ukuba ukhe wasebenzela ukuzisa imiphefumlo kuYesu, ikho into enye oyaziyo: akusoloko kulula, akunjalo? Ewe, kunjalo, nguThixo kuphela onokuguqula iintliziyo, kodwa ebulumkweni baKhe ukhethe ukusebenzisa thina ukuba sibe yinxalenye yaloo nkqubo. Ukusebenzela umphefumlo omnye nje kuphela kuthabatha ixesha, umgudu, umonde, nothando oluvela ngasentla. Kukhetha kuni okwenzayo okunokunceda ukuba ufe kumna nto leyo oyidingayo ukuze ube nempumelelo ekungqineni ngoKristu?

2. Ngobani abanye abantu ohlangana nabo abangayaziyo iNkosi, yintoni oye wayenza, okanye oyenzayo, okanye omele ukuyenza, ukungqina kubo?

3. Cinga ngoSawule waseTarso. Ngumntu lo owayebonakala ngokungathi akangeze aguquke xa kucingwa ngaye! Kanti ke, siyayazi into eyenzeka kuye. Inokusixelela ntoni le nto ngengozi yokukhawuleza sigqibe ngabanye ngenxa yoko sibabona bekuko ngaphandle?

4. Siligcine engqondweni njalo ibali likaSawule, sithini ngendima enjengoMateyu 7:6: "Musani ukukunika izinja okungcwele, kanjalo ningaziphosi iiperile zenu phambi kweehagu, hleze zizinyathele ngamanqina azo, zijike ziniqwenge")?